Ingcaciso Yokuvuma Ngokuqinisekileyo

Ukuvuma ngokuqinisekileyo kukuvuma into oyaziyo, ungaqhutywa, nokuvumelana kwabo bonke abantu abagqiba ngokwabelana ngesondo. Le mvume unokuyitsho ngomlomo okanye ngezenzo, ukuba nje loo mazwi okanye izenzo zinikela ngemvume ecacileyo yokwabelana ngesondo. Ukuthula okanye ukungaxhathisi, kukodwa, akubonisi ukuba umntu unikele ngemvume. Ingcaciso yemvume ayahluki ngokobuni bomntu, ukuba uthanda wasiphi isini, uyindoda okanye libhinqa, okanye ubuchaza njani ubuni bakhe.

Ukuvuma ukwabenala ngesondo okanye izinto ozenza ngaphambi kokwabelana ngesondo azithethi kuthi uvuma nasiphi na esinye isenzo sokwabelana ngesondo.

Imvume iyafuneka enoba umntu oqala isenzo uphantsi kwempembelelo yeziyobisi kunye/okanye yotywala.

Umntu unovuma ekuqaleni aze aphinde ale nanini na.

Imvume ayikwazi kufumaneka xa umntu engakwazi kuzenzela nto, nto leyo eyenzeka xa umntu engakwazi ukukhetha ukwabelana nesondo. Loo nto inokubangelwa kukungabikho zingqondweni okanye ukulala, ukubotshelelwa engathandi, okanye nayiphi na imeko apho engakwazi ukuvuma. Kuxhomekeka ekubeni unxile kangakanani na, umntu ophantsi kwempembelelo yotywala, iziyobisi, okanye ezinye izinto eziyobayo usenokungakwazi kuzenzela nto aze angakwazi kunikela ngemvume.

Xa umntu ecengwa, esoyikiswa, enyanzelwa okanye esongelwa akunakuthiwa uvumile.

Xa ebevumile waza wala okanye engakwazi ukuvuma, kumele kuyekwe ukwabelana ngesondo.

Ukuxolelwa Kwizityholo Zokusebenzisa Iziyobisi Notywala

Impilo nokhuseleko lwabo bonke abafundi e Rockland Community College zibaluleke kakhulu. I RCC iyaqonda ukuba abafundi abaselayo kunye/okanye abasebenzisa iziyobisi (enoba bazikhethele okanye abazikhethelanga) ngexesha ekwenzeka ngayo ubundlobongela, obuquka ukubethwa ekhaya, ukubethwa ngumntu ozikhuphe naye, ukulandelwa, okanye ukuhlukunyezwa ngesondo banokonqena ukuyixela loo nto kuba besoyika imiphumo yezenzo zabo. I RCC ibakhuthaza ngamandla abafundi ukuba baxele kumagosa eziko xa bebethwa kwindawo abahlala kuyo, ngumntu abazikhuphe naye, belandelwa, okanye behlukunyezwa ngesondo. Umntu obukeleyo ozama ukunceda okanye umntu oxelayo ezama ukunceda ngokuxesla ukubethwa ekhaya, ngumntu ophume naye, ukulandelwa, okanye ukuhlukunyezwa ngesondo kumagosa e RCC okanye kwawomthetho akayi kubuzwa ngokwaphula imithetho yokuziphatha yase RCC’s yotywala kunye/okanye yokusebenzisa iziyobisi okwenzeke ngexesha okanye kufutshane nexesha lokubethwa ekhaya, ngumntu ozikhuphe naye, ukulandelwa, okanye ukuhlukunyezwa ngesondo.

Umqulu Wamalungelo Abafundi

Bonke abafundi banelungelo:

Lokumangala emthethweni kunye/okanye kumapolisa ephondo;

Lokuba zijongwe njengento ebalulekileyo izimangalo zabo zokubethwa kwindawo abahlala kuyo, ngumntu abazikhuphe naye, belandelwa, okanye behlukunyezwa ngesondo;

Lokugqiba enoba bachaze ulwaphulo-mthetho kwaye bathathe inxaxheba kwinkqubo yenkundla kunye/okanye yokugweba bengekho phantsi kwengcinezelo yeziko;

Lokuthatha inxaxheba kwinkqubo engabadlel' indlala, engakhethi, nebanika ithuba elaneleyo lokuba bathethe;

Lokuphathwa ngesidima nelokufumana iinkonzo zempilo noluleko ezinenkathalo, ezingabadlal' indlala, nezibahlonelayo, xa zifumaneka;

Lokungenziwa bazive ngathi kulityala ukuchaza olu lwaphulo-mthetho, okanye ngebenze ngenye indlela ukuze baphephe olu lwaphulo-mthethe;

Lokuchaza into eyenzekileyo kubameli beziko abambalwa kangangoko kunokwenzeka nokuba kungafuneki baphindaphinde ukuchaza loo nto.

Lokukhuselwa kwimpindezelo yeziko, yakhe nawuphi umfundi, ummangalelwa kunye/okanye lowo umele aphendule, kunye/okanye abahlobo, intsapho nabantu abamaziyo kwiziko;

Lokuba bakwazi ukubhena ubuncinane kanye ngesigqibo esenziweyo;

Bakhatshwe ngumcebisi abazikhethele yena onokubanceda abacebise ekumangaleleni umntu, ummangalelwa, okanye lowo umele aphendule kuyo yonke inkqubo yetyala kuquka kuzo zonke iintlanganiso nokuchotshelwa kwetyala okunxulumene naloo nto;

Lokusebenzisa amalungelo abantu nokunqula ngaphandle kokuphazanyiswa yinkqubo yophando, yomthetho, yenkundla yezikobebethwa kwindawo abahlala kuyo, ngumntu abazikhuphe naye, belandelwa, okanye behlukunyezwa ngesondo.

Amalungelo asebenza kungekhathaliseki uhlanga, ibala, indawo osuka kuyo, unqulo, iqela, ubudala, ukhubazeko, ubuni, uzichaza ungowabuphi ubuni, imeko yentsapho, ukukhulelwa, iimpawu zemfuza, imo yasemkhosini, imo yokubethwa ekhaya, okanye ukhe wafunyaniswa unetyala lokwaphula umthetho enoba kukwikhampasi okanye akukho kwikhampasi, okanye xa ubukwelinye ilizwe.

Unelungelo lokumangala kwi-University Police okanye kwi-Campus Security, kumagosa omthetho asekuhlaleni, kunye/okanye kumaPolisa Ephondo okanye lokukhetha ukungamangali; lokuxela loo nto kwiziko lakho; lokukhuselwa liziko ukuze kungabikho mntu uziphindezelayo ngayo; nokuncedwa liziko lakho.